Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20
Hermanus 7200

| | Telephone | Fax |
|---|---|---|
| Hermanus | 028 313 8000 | 028 312 1894 |
| Gansbaai | 028 384 8300 | 028 384 0241 |
| Kleinmond | 028 271 8400 | 028 271 4100 |
| Stanford | 028 341 8500 | 028 341 0445 |

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JANUWARI 2013

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

# UZINZO NOBUNGANGAMSHA ZIZISEKO ZEKAMVA

Kwintetho yakhe yokukhomba indlela xa kulungiselelwa ibhajethi yonyaka nokuhlaziywa kweSicwangciso soPhuhliso oLudibeneyo (IDP), uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie unike ingxelo esithi kuza kundululwa iinguqu kwingxelo yomgomo kamasipala nto leyo eya kubonakalisa ukubaluleka kozinzo kwezopolitiko nokugxininisa kukamasipala kumanqanaba okuziphatha.

**Amanyathelo ophuhliso andululwayo kunyaka-mali wama-2013/14 aquka:**

- Uphuhliso lwezicwangciso zokulungisa izibonelelo zamanzi, ezeendlela, inkunkuma nezamanzi emvula;
- Ubonelelo ngobuxhakaxhaka ngokwesicwangciso esihlaziyiweyo seminyaka engama-20;
- Ukudalwa kwemeko-mo yophuhliso lwezoqoqosho lweOverstrand;
- Ukugcina kakuhle indlela kamasipala yokulawula, phakathi kwezinye, ngeekomiti zee-wadi, ngokuqhuba nonxibelelwano nabachaphazelekayo phambi kokuvela kweengxaki, nangokuzinza kukamasipala;
- Ukuphuhliswa koluntu kugxininiswa kuphuhliso lwabantwana nokusebenzisa abasebenza nathi kwezoluntu ukwenzela ukuza nesisombululo esinokuhlala sisebenza ngokubonelela abangenamakhaya ngendawo yokuhlala;
- Ngokuba negalelo ekudaleni indawo ekhuselekileyo nenempilo kuluntu lweOverstrand ngokusebenzisa umthetho, ukulwa imililo nokulawulwa iintlekele;
- Ukuqhuba nolawulo olululo lweemali ukuqinisekisa ukuba umasipala unikezela iinkonzo kuluntu ngendlela efanelekileyo ngokwezibonelelo anazo;
- Nokuzama ukufumana ingxelo yohlolo-zimali engenachaphaza kunyaka-mali wama-2013/14.

USodolophu unike ingxelo yokuba uMphathiswa weNtshona Kapa wooMasipala uthe i-IDP yeOverstrand inesakhiwo esihle, inokwenzeka kodwa waphawula iindawo ezinokuphuculwa ingakumbi malunga nendawo ejoliswe kuyo.

Uthe okumandla kuhlaziyo lwe-IDP yethu yowama-2013/14 yinxaxheba ebalulekileyo nezimvo zeekomiti zee-wadi, eye-Overstrand Municipal Advisory Forum (OMAF), eyamasebe eli candelo, ulawulo, neBhunga. Kubanjwe amathuba okuceba amaqhinga kwaye aza kuqhuba kwezi nyanga zizayo ukwenzela ukuba uMasipala angenise uhlaziyo lwe-IDP oluvakalayo neBhajethi ekupheleni kukaMatshi 2013.

USodolophu uCeba Botha-Guthrie uvale ngokuthi ukuwugcina umbono kaMasipala usithi, 'To be a centre of excellence for the community' (Ukuba liziko lobungcali kuluntu.) kufuna intsebenziswano kubo bonke abachaphazelekayo. Uthe uqinisekile ukuba ngokusebenza kunye uMasipala anganakho ukukufikelela oko akucwangcisele iminyaka emi-5 ye-IDP esebenzisa imali anayo.

# UHLAZIYO LWE-BHAJETHI E-OMAF

Intlanganiso ye-Overstrand Municipal Advisory Forum (OMAF) ebingoLwesine (6 Disemba 2012) ebinamalungu ngokwanelisayo ayinalenga nje ukwamkela uhlaziyo lwebhajethi nenkqubela kwisicwangciso sezibonelelo zikamasipala seminyaka engama-20 koko yenze uhlolo lokusebenza kwenkqubo yeekomiti zee-wadi.

Esenza uhlalutyo lwemeko yezindululo ngebhajethi yowama-2013/14 uCeba uBen Solomon, uSihlalo weKomiti yeZeemali wazise ukuba izicelo ezivela kwiikomiti zee-wadi nakubaphathi bakamasipala zifikelela kwizigidi ezingama-R291 engathi inxalenye yale mali ezizigidi ezingama-R97 ibonelelwe okwangoku kwibhajethi endululwayo.

Kwiibhajethi ezingabonelelwanga kukuphuculwa kwe-Hermanus Taxi rank (R9m), ukulungiswa kobuxhakaxhaka bombane ukongeza kwibhajethi ekhoyo (R7m p/a), isakhiwo esitsha see-ofisi (R30m) neemijelo yamanzi emvula (R3m p/a). Kufuneka isakhiwo esine-ofisi yokugcina izinto zakudala, inkundla yamatyala nendawo eyongezelela ukuba kusetyenzwe ngokukuko.

UCeba uSolomon uthe zininzi izizathu zokuba kungabikho mali yaneleyo yokuqwalasela iimfuno zoluntu nezikaMasipala. Imeko yezoqoqosho egqubayo ngoku ayikulungelanga ukuthengiswa komhlaba. Ingeniso eqikelelweyo ifikelela kwi- 9%,xa ithelekiswa nabanye oomasipala ingumdilili we-18,8% zaza iindleko zokulungisa izinto zanyuka ngenxa yezibonelelo ezongezelelweyo nezo zidala.

Indlela eye phambili ngokukaceba uSolomon kukuqhuba sinyusa inqanaba lemveliso, siqinisekisa ukuba imali ayichithwa kwizinto ezingunobenani 'nice to haves', ukunyusa iinzame zokufumana imali eyongezelelekileyo kurhulumente wephondo nakokazwelonke nokuhlola amathuba otyalomali kwidolophu yethu

Umnu. Henk Kleinloog, uMlawuli weZeemali, twazise malungu eOMAF ukuba uMasipala uceba ukufumana imalimboleko ngaphandle ukwenzela ukuhlawulela iiprojekthi zombane (R14,5m), ezamanzi (R15,9m) nezogutyulolindle (R9,6m). Imali eyintsalela ezizigidi ezili-R10 iza kusetyenziswa kwizithuthi (R4,7m), kwezeekhompuyutha (information technology) (R0,8m), ukwakha izala eGansbaai (R1,4m), indlela ehamba ecaleni kwesele ikho eHermanus (Parallel Road) (R1,7m) nakwezinye izinto ezincinci ngesigidi-R1,3.

Enye imali evela ngaphandle yeeprojekthi ezithe ngqo yi-Municipal Infrastructure Grant (MIG) ezi-R 17,9m) nemali yobonelele ngezindlu ezizigidi ezingama-R 29,2.

Xa ebecacisa ngesicwangciso esihlaziyiweyo seminyaka engama-20 sezibonelelo umnu. Stephen Müller, uMlawuli we-Infrastructure and Planning, uthe ngokokukhula kwenani labantu ukususela kowama-2001 ukuya kowama-2011 ubalo lwabantu lowama-2011 kuzwelonke luyibeke kwindawo ye-7 iOverstrand kwindawo ize ibe kweye-3 kwiNtshona Kapa. Inani labantu linyuke ngama-46% ukusuka kuma 55 000 (2001) ukuya kuma-80 400 (2011). Ngokwamanani abantu iOverstrand ikwindawo ye-146 njengomnye wabona masipala bakhulu kuzwelonke ze aba kwindawo ye-13 eNtshona Kapa nto leyo ethetha ukuba ukumndilili.

Ukukhula kwamanani oluntu kubeka uxinzelelo kuMasipala ngokuphathelele ekushinyaneni edolophini nasekufakeleni izibonelelo ezitsha endaweni yezo zidala.

UMnu. Müller uyibalule iOverstrand Municipal Growth Management Strategy, enjongo yayo ikukubonelela ngezikhokelo zendawo ezithe ngqo ezinokusetyenziswa nguMasipala ukulawula ukukhula kwamanani abantu edolophini ekwenza oku enengqikelelo yeemeko zedolophu nganye neendawo zayo.

UMnu. Roderick Williams, uMlawuli weeNkonzo zoLuntu ucacise inkqubo yokuhlola ukusebenza kakuhle kweekomiti zee-wadi eyiseka kwingcaciso efumaneka kizibonelelo ze-elektronikhi zikamasipala. Le ngcaciso iza kusetyenziswa ukwazisa uluntu ngeekomiti zalo zee-wadi.

Uthe nangona indlela yeekomiti zee-wadi isekwe kwiindlela ezizizo zokusebenza zikazwelonke inemingeni ejongene nayo equka ukunika iingxelo kwiinqila, ukwaziwa kweekomiti zee-wadi njengeendlela zonxibelelwano olusemthethweni nomngeni wokungeniswa ngexesha nokuhlaziywa kweeprojekthi zeekomiti zee-wadi.

# OYENA MASIPALA ONEZIPHUMO EZIHLE ZOMSEBENZI EMZANTSI AFRIKA

UMasipala iOverstrand ubambe intshinga njengoyena Masipala uhamba phambili ngokomgangatho wemisebenzi emzantsi Afrika kwi- Municipal Productivity Index yesithandathu yaminyaka le ekhutshwa yi- Municipal IQ, eyinkonzo karhulumente yokuqokelela iinkcukacha-lwazi.

Ikapa ibe phakathi koomasipala abaphezulu ngokwenkqubo kwabo basezidolophini ezinkulu.

Isalathiso siquka iinkcukacha zezimali nezingezozamali ukuvavanya isakhono sabantu ekusebenzeni ngoqoqosho lwamakhaya, iimeko abantu abahlala kuzo, ukungazinzi koqoqosho lwamakhaya nendima eyenziwa ngumasipala kwezi meko.

Imiba emihlanu esetyenziswa kwisalathisi yile:

- Iqondo lendlala nenxaxheba ethathwa ngumasipala ukukhawulelana nalo (ukuvula amathuba okufikelelwa kwenkxaso kwabasweleyo);
- Ukuvula amathuba okufikelela kwiinkonzo ezisisiseko eziphambili zikamasipala;
- "Ubuchule" kwezoqoqosho (iziseko ezisetyenziswa luluntu kuthathonxaheba kwezoqoqosho) nokulungiswa kuhle kwezoqoqosho (ngokomgangatho wezakhono, imfundo, imisebenzi);
- Iqondo lokulawulwa nokuchithwa kwemali libhunga lasekhaya;
- Kwakunye nomgangatho wezithuba zemsebenzi kumasipala.

Iinkcukachamanani ezintsha zokubalwa koluntu zithathelwe ingqalelo ekulungelelaniseni isalathiso.

Ngokweendaba ezikhutshwa yiMunicipal IQ iMPI ayichazi ngqo ubuchule bokusebenza bomasipala, kodwa ijonga indlela nenkqubo abasebenzisa ngayo imali nethi ixhase okanye ichaphazele imo yokuhlala noqoqosho.

USodolopho uNicolette Botha-Guthrie utshilo ukuba uyayithakazelela indlela ekunakanwa ngayo ukusebenza kakuhle kweenkqubo nokusebenza nzima kwabasebenzi bezama ukwenza umahluko kwiimpilo zabantu abasweleyo. Uphando yindlela ezimeleyo neneziphumo ezihle xa kusenziwa umlinganiselo wokuveliswe ngumasipala nokwenza umasipala ukuba athelekise imisebenzi yakhe neminye imisebenzi yabanye oomasipala.

"Nangona sinebhongo ngendawo esikuyo kucacile ukuba kusekho isithuba sokuyiphucula indawo esikuyo,' utshilo.

**ITHEYIBHULI: OOMASIPALA ABALI-10 ABAPHUME PHAMBILI KWI-MPI NGOWE-2012**

| Amagama | Izikhundla | Amanqaku ka-2012 | Umndilili walo masipala |
|---|---|---|---|
| Overstrand (WC) | 1 | 59.1 | 41.9 |
| Stellenbosch (WC) | 2 | 58.3 | 41.9 |
| Bitou (WC) | 3 | 57.9 | 41.9 |
| Knysna (WC) | 4 | 57.8 | 41.9 |
| Merafong City (Gt) | 5 | 56.9 | 41.9 |
| Saldanha Bay (WC) | 6 | 56.9 | 41.9 |
| Drakenstein (WC) | 7 | 56.6 | 41.9 |
| Gamagara (NC) | 8 | 56.5 | 41.9 |
| Mossel Bay (WC) | 9 | 56.4 | 41.9 |
| Steve Tshwete (Mp) | 10 | 56.0 | 41.9 |

***Kumsitho wonikezelo-ziqinisekiso abahleli phantsi ukusuka ekhohlo nguCeba Moira Opperman, uSihlalo weKomiti yeZokhuselo, uMlawuli eeNkonzo zoKhuselo uNeville Michaels, iNtloko yeZeendlela & Ukusebenza koMthetho uRudi Fraser, uMhloli oYintloko uZingane Tshefu noMhloli weNgingqi uAndré Lucas.***

# UKWAZIWA KWEMITHETHO EFAKELWEYO KUPHUCULWE

NgoLwesibini umhla we-4 Disemba amagosa eGansbaai Neighbourhood Watch namagosa kamasipala ezokusebenza komthetho nabajongi beemfene bafumene iziqinisekiso zokuya kwizifundo ngemithetho efakelelweyo kaMasipala weOverstrand.

Ezi zifundo yinkqubo yokunceda uluntu eyenziwa liCandelo loLawulo lweZokhuseleko. Injongo yale nkqubo kukuphucula ukwaziwa nokuqondwa kwemithetho kamasipala efakelelweyo luluntu olukwiindawo apho lunokuyisebenzisa khona le mithetho.

Abanye oomasipala benza isankxwe behamba befundisa uluntu lwabo kodwa umasipala weOverstrand yena uthathe isigqibo sokuba afundise abantu abathile ukwenzela ukuba abo bantu nabo bafundise abanye, utshilo uMhloli oPhezulu uZingane Tshefu, obengumququzeleli wezi zifundo.

Abajonga iimfene namagosa ezomthetho bafumene uqeqesho kwiiofisi zaseOnrus ngeli xa abeNeighborhood Watch befundiselwe kwii-ofisi zikamasipala eGansbaai.

Ngezi ntsuku zintathu zezi zifundo kufundwe ngemithetho yokufuya iikati nezinja, eyezitrato, iindawo zikawonke-wonke nokuthintela ingxolo kuluntu, inkunkuma nokhuseleko loluntu emililweni. Nangona kungalindelekanga ukuba aba bebeze kwezi zifundo bayisebenzise le mithetho bona ngoku baliliso neendlebe zethu ezongezelelekileyo kwaye baza kuyihambisa le vangeli phakathi koluntu. Izifundo ezilandelayo ziza kwenzelwa abantu abasuka kwiZwelihle neMount Pleasant Neighborhood Watches.

**IIKONSATHI ZOKUQALA ZE-OAK ZONYAKA WAMA-2013**

**Ikhalenda ye-OAK yowama-2013 kwi-Odithoriyam ye-Overstrand Civic Centre iqala ngekonsathi yomdlali wepiyano waseNorway uRune Alver ngoMgqibelo, 12 Janyuwari, ngeye-19:00.**

**I-Zappa Mainolfi Duo (cello ne-piano) yodumo iza kucula ngeCawe, 10 Februwari, ngeye-15:30.**

**Itikiti li-R100 (R50 kubafundi). Ungawathenga eBELLINI GALLERY kwa-Shop No 33 Village Square ngokufonela u- 028 312 4988. Ungafonela uRené du Plooy ku-082 940 4238 xa ufuna ingcaciso eyeyenye.**

O·A·K

***NgoNovemba 2012 uMasipala weOverstrand ufumene iwonga lowama-2010/11 eliyi-National Greenest Municipality kuMsitho weeMbasa obuseKempton Park. INdebe, isiqinisekiso netshekhi yezigidi ezi-R3,5 zinikezelwe kwiBhunga kwiintlanganiso yalo yokugqibela yonyaka. Ukusuka ekhohlo nguJohan van Taak, uMlawuli we-Waste Management Planning, uStephen Müller, UMphathi we-Infrastructure and Planning, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uMphathi kaMasipala uCoenie Groenewald, noRoderick Williams, uMlawuli weeNkonzo zoLuntu.***

# IIMBASA ZOWAMA-2012

- Imbasa kaZwelonke ye-yoKhuphiswano lwe-Greenest Municipality (2010/2011)
- Kwisigaba seNtshona Kapa se-Greenest Municipality Competition yowama-2012 uMasipala weOverstrand uphumelele kwi-Water Management. Isiqinisekiso sokugqwesa ngeyona projekthi ibonakalisa ubuchule bokuqala into sifunyenwe yiProjekthi yoBonelelo ngeZindlu yaseKleinmond.
- ICandelo leeRhafu zikaMasipala waseOverstrand lifumene imbasa eyiNdebe yoKusingqongileyo ngokunikezela ngeenkonzo ngendlela enobungcali xa ebekhupha iziqinisekiso ezikwikhomputha zikhutshwa nguKorbitec, inkampani esetyenziswa ngamagqwetha abhalisa izindlu kuzwelonke xa kuqinisekiswa ukuba zonke iirhafu zihlawuliwe. Kule minyaka mibini idlulileyo ukuthunyelwa kweziqinisekiso zokucinywa kweerhafu zikamasipala kunyuke ngama-78%.
- I-Grotto ifumene iwonga le-Blue Flag (lo ngunyaka we-11), iHawston (ngunyaka we-7) neKleinmond (lo ngunyaka we-4) leelwandle zeeholide zowama-2012/13. I-Grotto lolona lwandle lufumene eli wonga elona xesha lide lingaphazanyiswanga eMzantsi Afrika.
- Iimbasa ze- Drop zowama-2012:
- I-Franskraal Water Purification Works ngaseGansbaai ifumene imbasa kazwelonke ngokuba lelona ziko lincinci litsala umdla.
- Ewonke amanqaku afunyenwe nguMasipala weOverstrand ngama-96,82% wakwindawo ye-12 kuluhlu lukazwelonke eNtshona Kapa. Ngumtsi obonakalayo kwawalo nyaka uphelileyo awaye ngama-90,56 % nendawo yama-24 kuzwelonke.
- Amaziko afumene iwonga le-Blue Drop kulo nyaka yiHermanus (Preekstoel), iGansbaai (Franskraal), iBuffelsrivier (Hangklip), iKleinmond nePearly Beach.
- Iimbasa zesilivere zinikwe iFranskraal neBuffelsrivier ngokufumana iwonga leBlue Drop unyaka wesibini ilandelelana.
- Inqanaba lamanqam kwi-Wilson Award ye-Water Institute of Southern Africa nge-Waste Water Treatment Plant Management.
- Icandelo loLawulo lweZeemali likaMasipala weOverstrand libekwinqanaba lamanqam kwiqela lakhe lokhuphiswano loomasipala abasebenzisa inkqubo yezeemali eyiSAMRAS.